

STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

Indlela yokuhlamb' izandla



Ukuhlamba izandla ngesepha eqhelekileyo emanzini ahambayo kusebenza ngcono kakhulu. Kusebenza ngcono kakhulu kunokusebenzisa isanithayiza nanjengoko kuyitshabalalisa le ntsholongwane kwaye kuyayisusa ezandleni

Ukuba ikhona itepu ekwabelwana ngayo kwindawo ohlala kuyo, kungadingeka kulandelwe ezi ndlela zilandelayo ukuhlamb' izandla:

1. Gqobhoz' umngxuma kwisiciko sebhotele yeplastiki engenanto (ibhotile ye-coke, ibhotile engenamanzi yeplastiki, okanye into efana nayo).
2. Yigcwalise ngobunono ngamanzi le bhotile.
3. Yivale ngesiciko esi sinomngxuma.
4. Tshiza nje izandla zakho ngamanzi amancinci.
5. Simela ngesephu uze uzihlikih' izandla ukwenza ugwebu.
6. Sebenzisa la manzi aseleyo ukupul' izandla ngokuzitsitsela ngala manzi.



URhulumente
weNtshona Koloni

National Hotline: 0800 029 999
Provincial Hotline: 021 928 4102
WhatsApp "Hi" to 060 012 3456
www.westerncape.gov.za/coronavirus

